


IZIKHOKHELO ZOKUFAKA KUNYE NOKUYINYAMEKELA

Ukuyifaka:

- Sukudlula kumlinganiselo obekiweyo njengoko kuboniswe kwiphepha lenkcazelo umz. obona bude bufanelekileyo kunye neyona presha iphezulu onokuyisebenzisa.
- Yolulele ngakwicala eliboniswe kwingxowa efakwe kuyo.
- Indawo ekhupha amanzi imele ibe ngaphezulu kombhobho wokunkcenkceshela.
- Phepha ukonakalisa umbhobho wokunkcenkceshela xa uwufaka uze ungawujiji, uwutsale okanye uwugqobhoze.
- Umbhobho wokunkcenkceshela ungabekwa phezu komhlaba, phantsi kwezinto ezigcina ukufuma okanye ngaphantsi komhlaba.
- Sebenzisa izinto ezifanelekileyo zokuyifaka ukuze uthintele ukuvuza kunye nokudibanisa imibhobho.
- Umbhobho wokunkcenkceshela umele utsaleke ngokwamkelekileyo ukuze ukwazi ukwanda nokuncipha xa amaqondo obushushu etshintsha.
- Kwiimeko ezinomoya kusenokuba yimfuneko ukusebenzisa into yokuyibamba ukuze kuthintelwe ukuba ishukushukumele emacaleni.
- Imibhobho eyintloko neyesibini imele iqale icocwe ngaphambi kokuba kufakelwe umbhobho wokunkcenkceshela.

Ukuwufaka ngaphantsi komhlaba:

- Umbhobho umele usetyenziswe kungaphelanga iiyure eziyi-24 emva kokuba ufakiwe.
- Qinisekisa ukuba kombiwe umngxuma onobude obaneleyo ukuze kuthintelwe ukonakala xa kusetyenzwa ngezixhobo zasefama kodwa qinisekisa ukuba amanzi ayafika kwiingcambu zezityalo.
- Yivuthela ngeevalvu zomoya ukuze uthintele ukuba kubekho umoya ngaphakathi kumbhobho wokunkcenkceshela.
- Thintela ukuxinaniswa ziingcambu ngokusebenzisa into efanelekileyo yokubulala ukhula.
- Jonga rhoqo ukuba amanzi ayafika ekugqibeleni kombhobho wokunkcenkceshela, isiciko singatshintshwa ngeevalvu eyi-mini flush.



Ukuwunyamekela:

- Kuyacetyiswa ukuba usoloko uwucoca umbhobho wokunkcenkceshela kunye nezixhobo zokuhlaza ubumdaka.
- Amanzi amele acoceke - faka izinto ezifanelekileyo zokuhlaza, enoba sisihluzo, idisk okanye isanti.
- Iimpuku, iingcambu kunye nezinambuzane zingawumosha umbhobho wokunkcenkceshela, faka izinto ezifanelekileyo zokuthintela oku.
- Sebenzisa isichumiso esinyibilikayo emanzini kuphela uze ucoce zonke izixhobo ngaphambi kokuzivala.
- Xa ukhupha umbhobho wokunkcenkceshela emasimini, qinisekisa ukuba usebenzisa isixhobo sokuyisonga kakuhle. Ungawushwabanisi umbhobho.
- Musa ukuzama ukuvula iindawo ezivalekileyo ngokusebenzisa inaliti njengoko isixhobo sokuthumela esifakwe ngaphakathi siza kukonakala.

Afriq Water supplies a full range of dripline fittings to build your drip irrigation system